

# 7

# Untombi imvubu


## Ndinxiba le nto



UNtombi, uyathanda ukunxiba kakuhle.
Unekhabhathi yeempahla ezele ziimpahla.
Kukho ezasebusika, nezentwasahlobo.
Kukho ezeentsuku ezinomoya nezeentsuku zemvula.
Uneempahla zazo zonke iintsuku neempahla zamaTHEKO.

Yinzwakazi yasehlathini, yaye wonke umntu ufuna abekho kwitheko lakhe.










Ulungi, ingonyama umemela uNtombi ebhrayini.
Uza kunxiba ntoni bethu?

USipho, itshabanqa umemela uNtombi kumdlalo wombhoxo.
Kufuneka enxibe ntoni?

UMpho, idonki ummemela kumtshato wenkawu.
Mncedise ukukhetha!





UNtombi uthanda ukunxiba kakuhle.
Amanenekazi ayazithanda iimpahla zikaNtombi.
Amakhwenkwe ayasithanda isitayile sikaNtombi.
Wonke umntu uyathanda ukuba
uNtombi abe khona kwitheko lakhe.

Kodwa eyona nto ayithandayo uNtombi, imvubu,
kukuzibhuqabhuqa
nokuchitha ixesha kwiqula elinodaka, elingcolileyo, nelimnyama!